

## UKUCOCWA KWEZINTO EZIQOKELWEYO NEZISELUGCINWENI

- Ukugcina indawo engqonge umsebenzi wobugcisa icocekile, oko kunganceda ekuwulondolozeni umsebenzi wobugcisa, uthuli luzisa izicwilli ezincinane nezithi zifunxe ukufuma, oku ke kuthi kukhokelele ekuvundeni, okanye uthuli oluthi lufumbe ngaphakathi kwe canvas ne stretcher bar, nto leyo engadala ukukhuthuka kwe paint
- Vuthulula umsebenzi wobugcisa nge brush ethambileyo yobugcisa, musa ukusebenzisa i(feather duster). Brashauqale phezulu uhle kancinane usiya ezantsi, phinda uvuthulule ngocoselelo uhlikihla ubhekisa emacaleni. Musa ukusebenzisa izicoci okanye amanzi ngqo kubuso bomsebenzi wobugcisa
- Ukucoca umfanekiso onobuso obuglasirha, sebenzisa ilaphu elicocekileyo, elibufuma le microfiber, ukuba iglasi ayinasihluzi se UV, ungayisebenzisa I windowlene, ukuba uneglasi yemuseum sebenzisa imiyalelo yokucoca enikiweyo
- Biza umlondolozi osesikweni xa kufuneka ucoceko olulodwa lomsebenzi wobugcisa

## UKUFREMISHA

- Uku framisha umsebenzi wobugcisa kungathalela ekukhathalelweni komsebenzi wobugcisa kuquka nkukhuselwa kwee kona zawo
- Umsebenzi osephepheni, ibhodi yee records, kunye nezincamatheli kucetyiswa ukuba kusetyenziswe zona umva we frame wona unokungcitwa wonke
- Ukukhusela ngakumbi umsebenzi wakho osephepheni kwimitha yelanga enobungozi, unokucela umntu lowo ukwenzelayo ukuba asebenzise iglass yase museum yona ingenalubengezelo, nekwaqatywe ulwelo lokhuselo kwimitha yelanga enobungozi
- Ngenxa yemo engagungqiyo, uze ungayisebenzisi iperspex uku glazer okanye I charcoal engasetyenzwanga
- Ungaze uframishe umsebenzi ephepheni ngaphandle kokusebenzisa i-mat board spacer okanye I window mount, le nto unceda ekubeni umsebenzi wobugcisa ungancamatheli eglasini ekuhambeni kwexesha.

## UKUXHOMA

Makunikwe ingqwalasela ekuxhonyweni kwento eludongeni nakwizinto zokuxhoma imifanekiso, kwakunye nee ntambo zokuxhoma ezikhethwe ngocoselelo

## INDAWO YOKUGCINA

- Khetha indawo enokulawuleka, ecocekileyo, eyomileyo nemnyama
- Xa ugcina umsebenzi wobugcisa wuphakamise ungabi semhlabeni uphakame nje kancinane
- Xa ugcina izinto eziliqela enye isecaleni kwenye , zicumbise uzidwelise ngokobukhulu bazo, zizelane ngemiva, nangemiphambili, kubekho izahlulo phakathi kwazo. Gcina imisebenzi enga "framishwanga" ime nkqo! Kunye nzahluli zee "records" phakathi kwee "cabinets" zentsimbi
- Hlola ubume bomsebenzi ngamaxesha athile ukujonga ukuba akukho nguqu na

Bekelela umsebenzi wakho uzelane ngemiva nangemiphambili

**Ukulandela le mikhomba-ndlela kungalulutho ekukhathalelweni komsebenzi wakho wobugcisa. Qiniseka ukuba uqhakamshelana nengcaphephe yomlondolozi wezobugcisa osemthethweni akuncede apho ungaqinisekanga khona**

<http://www.loc.gov/preservation/care/>  
<http://museumsassn.bc.ca/archives/collection/caring-collections/>  
<https://aiccm.org.au/conservation/collection-care>

Umfanekiso oseqweqweni ngu Bill Anslie Mother and Child (ISANG Permanent Collection)

Imifanekiso ithwetyulwe ngu Nigel Pamplin, Thobeka Sibisi, Lisa Truter no Angela Zehnder

# OMAKWENZIWE NOMAKUNGENZIWA

Ukunakekela Okuqokelelweyo  
Kugcino Lwethu

Ukukhathalela nokulondoloza umsebenzi wakho wezobugcisa, olo lulondolozo oluthintelayo, olujoliswe ekunciphiseni okanye ekulibaziseni ukonakala komsebenzi wobugcisa, oku kungabandakanya ingxelo yo thwebolo-mifanekiso, uthekelelo lwamaqondo okukhanya, nendlela yokubekwa kwakunye nokufuma okuvumelekileyo, zibe nakho ukwenzeka. Iindlela zokuxhonywa nokuhanjiswa komsebenzi wobugcisa, nako kuyathelela ekukhathalelweni kokuqokelweyo.

## UKUFUNYANWA KOMONAKALO

Ukuhlola ukuba akukho zimpawu zomonakalo okanye ukubola linyathelo lokuqala lokunakela umsebenzi wakho wezobugcisa. Ukuba kukho umonakalo, isenokuba ubangelwa zii meko zokusingqongileyo ezonakalisayo, kungenjalo ukuphathwa ngendlela engeyiyo. Iinguqu ezinokubangelwa kukugcatywa koboniso olungenalulawulo okanye yocino engaye isonakala ngokuhamba kwexesha, kodwa enokulawuleka ide incitshiswe ngoncedo lomlondolozi osesikweni.

### Iimpawu Zomonakalo Zibandakanya:

- Ukuxobuka kwe-paint, ukulahleka, imikrwelo okanye ukumbhatsha kwe varnish ezikoneni
- Umonakalo kwi frame, nje ngokulahleka, ukuchachamba okanye iimfantana ezikoneni
- Ukufiphala kombala kusingisele kumbala ogqwance womfanekiso wonke, logama i"foxing" yona isingisele ekumbatsheni kwee ndawana ezincinane. Qiniseka ukuba uwahlola omabini amacala omzobo osephepheni. Imingxunyana emincinane ekhupha uthuli ingathetha ukuthi lonto kukho ibobo lwezinzambuzane esezihlala apho.

## UKUKHANYA, IQONDO LOBUSHUSHU NOKUFUMA KWENDAWO

Ukukhanya kunakho ukuzonakalisa izinto zobugcisa, kungawumbhatshisa umbala, kukhawulezise ukuguga okanye ukonakala, kudale ukuhla kwanokunyuka kwamaqondo obushushu nokufuma kwendawo, oku kungadala ukuba iphepha liba gosogoso, ipaint ichachambe, umthi ugobe okanye ucandeki, intsimbi ibe nomhlwa.

### Unakho Ukuyinciphisa Lemingcipheko Ngalemikhomba-Ndlela:

- Kuphephe ukukhanya okungqalileyo kwasemini kangangoko, usebenzise ii (blinds)
- Makungathi chapha ukukhanya okungqalileyo kufuphi nomsebenzi wobugcisa nje ngesikhokelo ukukhanya makube kude kangange (four meters)
- Ukuba kunokwenzeka sebenzisa izibane ezinamandla amancinane ombane (low UV) uninzi lwee glops ze LED zilungile ukuba zingasetyenziswa, ngokungafaniyo nee (halogen ne tangseten bulb), zona zingadala ukumbhatsha komsebenzi lowo
- Cutha ixesha lokuba umfanekiso lowo ube phantsi kokukhanya, sicime isikhanyiso eso xa usimka kuloo ndawo
- Ukuba kunokwenzeka sukuwoyamisa umfanekiso Kanye kudonga olungaphandle. Shiya isithuba esimalunga nee centimeters ezi ntlanu phakathi kodonga nomfanekiso. Amadonga angaphandle afumile kwaye ayabanda ebusika, aze afudumale ehlotyeni
- Zama ukunciphisa ukuhanjiswa kwemisebenzi yobugcisa, nanje ngoko kukho ukuguquka kwamaqondo obushushu kwanokufuma kwendawo kwezo ndawo zitsha usiwa kuzo, kwaye oluguquguquko lunganobungozi
- Qiniseka ukuba imozulu yangaphakathi ikwimo engaguquguqukiyo, kwaye ungayixhomi imifanekisokufutshane kakhulu neminyango okanye ii festile ezivuliweyo
- Nika ingqwalaselo kwindlela obeka ngayo ii heaters, air-conditioners, amakhandlela okanye izibane ngokubhekisele kwimifanekiso leyo yakho
- Akubobulumko ukuxhoma umsebenzi wobugcisa oxabisekileyo phezu kwendawo ekubaselwa kuyo

## UKULUNGELELANISA INDLELA YOKUPHATHA NJOKUHAMBISA

Umonakalo unokwenzeka xa kuhanjiswa imisebenzi yobugcisa. Ukunciphisa umngcipheko, wuhambise umsebenzi wobugcisa kuphela xa souquqinisekile ukuba indawo oya kuwo seyilungile.

- Qiniseka ngempahla oyinxibileyo phambi kokuba uphathe umsebenzi wobugcisa, susa nabuphi na ubucwebe bokuhamba, okanye izinto ezinxitywayo ezinokwela okanye zibambeke kumsebenzi lowo ngokokude zidale umonakalo
- Hlambisisa izandla zakho rhoqo phambi kokuba unxibe ii glove, sebenzisa ii gloves ezimhlophe zomqhaphu okanye ii(latex-free nitrile gloves) xa uzakuphatha umsebenzi wobugcisa
- Cwangcisa kwangaphambili - thekelela indlela ozakuhamba ngayo kwaneziphazamiso ongahlangana nazo kuhambo lokuthutha umsebenzi wobugcisa
- Lungisa umgangatho ococekileyo phambi kokuhambisa umsebenzi wobugcisa ngokuthi ubeke uwondlalele ngengubo ngaphantsi ukuphepha ukukrweleka
- Wubambe umsebenzi wezobugcisa ngezandla zozibini, qelele emzimbeni wakho, uwujongise kuwe, ukuba umsebenzi lowo mkhulu, cela uncedo. Ukuba mininzi imisebenzi yobugcisa ekufuneka ihanjisiwe, sebenzisa ii trolley ezisetyenziselwa ukuthwala izinto zobugcisa.
- Wuphakamise umsebenzi wobugcisa ngamanqwanqwa okhiweyo, ungaphakamisi uqobo lomfanekiso, okanye ngee kona zawo okanye ngeziphatho zawo. Phakamisa umfanekiso nge frame eyakhiweyo uze wona ume nkqo
- Musa ukubeka umfanekiso lowo kwirhange emxinwa, okanye emva kocango, okanye emva kwedesika, emva kwesitulo okanye kwindawo apho ungase mngciphekweni wokugilwa
- Imizobo nokuba yeprintiweyo inokwahlulwa eludongeni nge plastic, irubber, izahluli ezingatyibilikiyo okanye i-cork.



Ngawo onke amaxosha wabantu qelelele kuwe umsebenzi wobugcisa xa uwuphethe



Qwalasela iimpawu zamachapha za amnyama nje ngoko kubonisiwe kulo mifanekiso